IXHASWA NGEZIMALI NGU:

science & innovation
Department:
Science and Innovation
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

## FUNDA NGE:

IZIXHOBO ZOPHICOTHO LOLWIMI UKUXHASA UBULWIMINIZI LUYA QHUBA KWIIYUNIVESITHI ZIKAWONKE-WONKE EMZANTSI AFRIKA 1

UNJINGALWAZI TOBIE VAN DYK UJONGISE UMBOMBO KWISADILAR 4

YIBHALE: INKQUBO YASIMAHLA YOBULWIMININZI YOKUXHASA ABAFUNDI NGOKUBHALA UMSEBENZI WEMFUNDO 5

UKUHLAZIYA ISIPHUTI: ULWIMI NENKCUBEKO 7

DH-IGNITE: UKUHLAZIYA ICANDELO LEZIFUNDO ZOLUNTU ZOBUCHWEPHESHE (DH) KWAZULU NATAL 11

ABAPHANDI BESADILAR BADLULISELA ULWAZI KWISIKOLO SASEHLOTYENI SOBUCHWEPHESHE NGOLUNTU 13

ABAPHANDI BESADILAR KWINKOMFA YEALASA YANGO-2022 14

IKOMITI YOLAWULO EPHETHEYO YESADILAR ICHULUMANCILE UKUBHENGEZA UKONYULWA KUKAGQR 16

## Qhagamshelana nathi:

# IZIXHOBO ZOPHICOTHO LOLWIMI UKUXHASA UBULWIMININZI LUYA QHUBA KWIIYUNIVESITHI ZIKAWONKE-WONKE EMZANTSI AFRIKA

**- Natalie Simon**

Ulwimi luya qhubeka ukuba ngumqobo ekufikeleleni kwinfundo nakwimpumelelo kubafundi abaninzi kumaziko emfundo ephakamileyo eMzantsi Afrika. Oku kwakuphawulwe liSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho (DHET) kuMgaqo-nkqubo Ohlaziweyo woLwimi lweMfundo ePhakamileyo. Lo mgaqo-nkqubo ugxininisa ukubaluleka kokuveliswa kwemeko yobulwimininzi kumaziko emfundo ephakamileyo kawonke-wonke eMzantsi Afrika njengenxalenye yephulo eliqhubayo lokusiphula neengcambu iingxaki zokufikelela kwimfundo neziphathelele kwimpumelelo yabafundi kwimfundo ephakamileyo kuluntu lwethu olulwimininzi.

Ngenxa yesi sizathu, kwaye kwathathwa isigqibo kwingqungquthela yamaSekela Ngqonyela eUSAf-CoPAL malunga noMgaqo-nkqubo omtsha woLwimi lweMfundo ePhakamileyo neyayisingathwe yiYunivesithi iStellenbosch ngeyoMsintsi 2021, ukuba Iziko laseMzantsi Afrika leziXhobo zobuChwepheshe zoLwimi (SADiLaR) kumele lenze uphicotho kulo lonke izinga lemfundo ephakamileyo ukuphawula ukuba zeziphi izixhobo zokusebenza ezikhoyo kumaziko emfundo ukuze kuphunyezwe ngempumelelo umgaqo-nkqubo omtsha.

Ukongeza koku, olu phicotho lwezixhobo zolwimi lujolise ekuphonongeni oko kusadingekayo ukuxhasa ukuphunyezwa komgaqo-nkqubo, ukukhankanya iimpumelelo, nokufumana amabali empumelelo ekunokwabelwana ngawo necandelo. Ngaxeshanye, olu phicotho lugxile ekufumaneni imibuzo, ulwazi ngemibuzo engophando olubhalwayo, iinkxalabo neengcinga ezinakho ukunceda icandelo ekuphunyezweni koMgaqo-nkqubo woLwimi omtsha.

UNjingalwazi Langa Khumalo ongumlawuli oyintloko eSADiLaR nonguSihlalo ophumayo weCoPAL uyaqinisekisa ukuba "ukuba lwimininzi kwimfundo ephakamileyo kuza kuthetha ukufikelela okuthe chatha ekufundeni, ekufikeleleni kubafundi, ubumbano loluntu, iinguqu ezinamandla nokusiphulwa kweengcambu zefuthe lobukoloniyale."

Ngapha koko, uphawula oku kulandelayo:
Ukufunda ngolwimi lwakho lweenkobe lilungelo lo mntu elisisiseko. Noxa kunjalo, ukuphunyezwa kwalo mgaqo-nkqubo kuza kudinga izixhobo ezininzi. Ezi zixhobo ziquka iiteknoloji ezifana nezixhobo zokuhlela ukusetyenziswa kolwimi, izixhobo zokuhlola upelo, izigama zezifundo, nezakhono ezikhethekileyo nobungcali obugqwesileyo bokuxhasa ubulwimininzi. Ngaphandle kwezi zixhobo nendlela yokuba amaziko emfundo ukuba ahlanganise izixhobo abelane ngamacebo nobungcali, lo mgaqo-nkubo awuzi kuhambela ndawo.

IIMPUMELELO ZOPHICOTHO

Njenge nxalenye yesibophelelo seDHET, iSADiLaR iqale ngenkqubo yophicotho

IXHASWA NGEZIMALI NGU:

science & innovation
Department:
Science and Innovation
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

kweyeNkanga ngowama-2022. Ukuqala ngqa kophicotho kwaqala ngoLwesihlanu umhla we-4 kweyoMnga ngowama-2022 kwiYunivesithi yaseMpumalanga kwaze kwalandela iYunivesithi yaseVaal yobuChwepheshe (VUT) ngomhla wama-22 kweyeNkanga ngowama-2022 neYunivesithi yaseMzantsi Afrika (UNISA) ePitoli ngomhla wama-28 kweyeNkanga.

Iindibano ezimbini zovavanyo lophicotho ziye zaqhutywa ngeyeDwarha ngowama-2022 kwiYunivesithi yaseMntla-Ntshona nakwiYunivesithi yakwaKwaZulu Natal. Ezi ndibano zophicotho ziye zahlahla indlela yokuqala kwenkqubo yophicotho kuzwelonke neqhubayo ngoku.

ISADiLaR yathi thaca ingxelo yophicotho yethutyana kwingqungquthela yamaSekela Ngqonyela eUSAf-CoPAL eyayingoMgaqo-nkqubo woLwimi Omtsha weMfundo ePhakamileyo ePitoli (1 -2 kweyoMnga 2022). Le ngxelo yethutyana, neyamkelwayo yingqungquthela, yagqamisa iimpumelelo zophicotho nezicwangciso zophicotho ngowama-2023.

## ZAPHAWULA ZATHINI IIYUNIVESITHI NGOPHICOTHI

Isekela-Ngqonyela neNqununu yaseVUT, uNjingalwazi Dan Kgwadi wathi: "Iilwimi maziphathwe ngokulinganayo. Iilwimi zibaluleke ngokufanayo. Kunyanzelekile ukuba iilwimi ziphuhliswe, hayi kwizinga leyunivesithi kuphela kodwa nakwizinga lasekuhlaleni."

Ukwaleka umsundulu kumazwi kaNjingalwazi Kgwadi, Isekela leNqununu elijongene nokuFunda nokuFundisa eVUT, uphawule wathi iinkqubo ezisibhozo ezidalancwe kumgaqo-nkqubo wolwimi kufanele zisetyenziswe njengemithombo yolwazi. "Side sibe kanti senza loo nto, ukuswela kobulungisa kwimiba yeelwimi iza kuzinga. Ukongeza koku, iilwimi ziyinxalenye yobuni bethu, ukuba siyazihlonela iilwimi zethu siya kube sihlonela ubuni bethu," utshilo.

"Injongo yophicotho yaphimiselwa elubala yaye uninzi lwemibuzo lwaphendulwa. Olu phicotho lwasinika ithuba lokufaka igxalaba kwimpumelelo yoMgaqo-nkqubo woLwimi ngokuchaza izixhobo esiza kuzidinga ukuqinisekisa uphumezo lwawo." Le yimbono eyayiphuma kwiNtloko yeSikolo seeNzululwazi zeNtlalo yoLuntu eUniversity of Mpumalanga, uNjingalwazi Calvin Gwandure.

UMnumzana Jacob Thamaga, ingcali esebenza ngolwimi (Sepedi) nenguMlawuli Obambeleyo kwiCandelo loPhuhliso lweeLwimi zesiNtu ulwamkele uphicotho, esithi lufike ngexesha elibalulekileyo xa kanye iVUT ikwinkqubo yokukhupha umgaqo-nkqubo wolwimi ohlaziyiweyo.

"Sichulumancile kuba ngabasingathi bomnyhadala wophicotho njengoko iza kubonisa amanyathelo athathwe yikholeji ekufakweni kweenqobo zesiNtu ekufundiseni nasekufundeni, kuphando nakufundonzulu oluqiqileyo, utshilo uNjingalwazi Zethu Nkosi, iDean enguMlawuli Obambeleyo kwiKholeji yeeNzululwazi zoLuntu eUNISA.

## NGUBANI OMAKATHATHE INXAXHEBA?

Bonke abaphathi, abasebenzi, nabafundi bamkelekile ukuba bangathatha inxaxheba bavakalise izimvo zabo. Iiyunivesithi ziyakuthazwa ukuba ziqinisekise imihla yazo yophicotho neSADiLaR!

## IZICWANGCISO ZOKUQHUTYWA KOPHICOTHO

ULebogang Boemo, uMphathi weeProjekthi eSADiLaR, uyacacisa: Siza kuqhubeka sidibanisa iintloko nabaphathi, abasebenzi, nabafundi kwiiyunivesithi ezahlukileyo ukuze sibone inkqubela eyenziwe ziiyunivesithi ekuphumezeni uMgaqo-nkubo woLwimi Omtsha wamaziko emfundo ePhakamileyo

Qhagamshelana nathi:

IXHASWA NGEZIMALI NGU:

science & innovation
Department:
Science and Innovation
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Qhagamshelana nathi:

kawonke-wonke weDHET. Sithethathethana nazo zonke iiyunivesithi ukuqinisekisa imihla yophicotho nezicwangciso zophicotho zowama-2023.

**IMIBUZO NGOPHICOTHO INGATHUNYELWA KU:**

Nksz. Lebogang Boemo (uMlawuli weeProjekthi: SADiLaR)
North-West Univeristy
Imeyile: languageaudit@sadilar.org
Umnxeba: 018 285 2788






IXHASWA NGEZIMALI NGU:

science & innovation
Department:
Science and Innovation
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# UNJINGALWAZI TOBIE VAN DYK UJONGISE UMBOMBO KWISADILAR

**- Natalie Simon**

ISADiLaR ichulumancile kubhengeza ukuxhasa kokuqeshwa kukaNjingalwazi uTobie van Dyk ingcali yolwimi ehlonitshwe kakhulu ephuma kwiSikolo seeLwimi kwiYunivesithi yaseMntla-Ntshona (NWU) eMzantsi Afrika. Phambi kokuxhaswa koku kuqeshwa, uNjingalwazi van Dyk ebeyiNtloko yeZiko loLolwimi lokusebenza kwiMfundo noBungcali noMlawuli kwiSikolo seeLwimi, zombini eNWU.

"Ubungcali bukaNjingalwazi van Dyk kwicandelo lofundonzulu ngolwimi kunye nobudlelwane bakhe kuzwelonke nakwihlabathi jikelele zizinto ezibalulekileyo ekubeni iSADiLaR ikwazi ukufezekisa izigunyaziso zayo, utsho uMnu. Juan Steyn.



*UNjingalwazi Tobie van Dyk*

## Uphicotho lwezixhobo zolwimi

Oku konyulwa kwesi sikhundla kuza kuba ngumsebenzi awenza ukususela ngowo-01 kweyoMqungu 2023 ukuya kuma-31 kweyoMnga 2023 yaye ubungcali bakhe buza kusetyenziswa kwizigunyaziso ezininzi zeSADiLaR. Oku kuquka inkxaso noPhicotho lweziXhobo zoLwimi kuZwelonke. Le projekthi ngumzekelo wokuzibandakanya okukhulayo kweSADiLaR nokubonakala kwayo kwicandelo lolwimi kuzwelonke njengoko yayithwaliswe uxanduva yiUniversities South Africa (USAf) ukuba ixhase iSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho (DHET) nophicotho lwezixhobo zolwimi kuzo zonke iiyunivesithi zaseMzantsi Afrika ezingama-26.

UNjingalwazi uvan Dyk uthi: "Ndiyagcoloda koku kolu nyulo kwesi sikhundla sikwiSADiLaR njengoko ukwenziwa nokuphuhliswa kwezixhobo ukuba zisetyenziswe kwiimeko ezahlukileyo kwizinto ezahlukileyo, nokuqhubela phambili imeko yokuba lwimininzi kusenyongweni kum. Ukongeza koku, ukuba lwimininzi kukwandinika nethuba lokufaka iintsontela ubudlelwane noqhagamshelwano olukhoyo ndiqale ubudlelwane noqhamshelwano olutsha."

## Ulondolozo lweziseko zophuhliso zophando

Ukongeza kwinkxaso jikelele ngokuphathelele ekuhlanganiseni iintloko, uqhagamshelwano

Qhagamshelana nathi:

nokuvundlisa uluntu ngezixhobo neenkonzo zeSADiLaR kuquka nokuba ngumqeqeshi weDH, ukuqeshwa kuka van Dyk kuza notyhilelo kwinkqubo yokuqeshwa kwiziseko zophuhliso zophando eSADiLaR. "Kulo mcimbi, siza kuthathela isiseko seendlela apho iZiko elinokufunxa ngayo ulwazi oluphathelele kuphando ngendlela eliya kuthi libandakanyeke ngayo ngokuthe ngqo yaye ngendlela enelwamvila ukodlula inkqubo yexesha eludlulileyo yesifundiswa esindwendweleyo," utsho uSteyn.

UNjingalwazi Langa Khumalo, uMlawuli Ophetheyo, eSADiLaR uya kuqinisekisa oku: Ulondolozo lweziseko zophuhliso zophando ezifana neSADiLaR luseyinkxaabo eMzantsi Afrika. Njengenxalenye yemephu yeziseko zophuhliso zophando, kufanele siqinisekise ukuba linefuthe kumsebenzi wethu kuzwelonke kule minyaka mihlanu izayo, oku kuthetha ukuzisa kuthi zonke izakhona nobungcali obufumanekayo. Amehlo siwaphose kuNjing. van Dyk ngokuphathelele kulowo umcimbi.

# YIBHALE: INKQUBO YASIMAHLA YOBULWIMININZI YOKUXHASA ABAFUNDI NGOKUBHALA UMSEBENZI WEMFUNDO

**- Natalie Simon**




IZiko laseMzantsi Afrika lweziXhobo zoLwimi zobuChwepheshe (SADiLaR) liqhubekela phambili nephulo lokunceda abafundi nokubhala okusiseko umsebenzi wemfundo.

Icandelo leSADiLaR lophuhliso lolwimi iZiko elisebenza ngamaziko loPhuhliso noHlolo loLwimi (ICELDA) livelise uchungechunge lweevidiyo ebizwa Write It ngokuvala isikhewu ngokuthi ifundise abafundi ukubhala umsebenzi wemfundo.

IXHASWA NGEZIMALI NGU:

science & innovation
Department:
Science and Innovation
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**Qhagamshelana nathi:**

IXHASWA NGEZIMALI NGU:

science & innovation
Department:
Science and Innovation
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Ukubhala umsebenzi wemfundo kubalulekile kwimpumelelo kodwa ukuchana olu hlobo lokubhala akukho lula, ingakumbi kubafundi abafunda besebenzisa ulwimi lwesibini okanye olwesithathu. Amanye amaziko emfundo afundisa imodyuli yokuxhasa abafundi ekufundeni ngezifundo nokubhala umsebenzi wesikolo kodwa hayi bonke abafundi eMzantsi Afrika bayafikelela kolu hlobo lwenkxaso.

Iividiyo ezikhatshwa ngamaphepha abonisa izingqinisiso nemisebenzi umfundi azikhethelayo ukuba ayenze kwi-intanethi ziyafumaneka ngolwimi lwabanxibelelana besebenzisa izandla nazo zoli-11 iilwimi ezisemthethweni eMzantsi Afrika. Abafundi bangazibukela iividiyo zikaWrite It kwisikhululo sikaYouTube saseSADiLaR.

UGqr. Detlef Cloete, umhlohli eAkademia nowayesakuba ngumlawuli eICELDA uthi imixholo ekhethiweyo nendlela ulwazi oluqalathiweyo olubhalwe ngayo luphembelelwa lulwazi lokuphuhliswa lokubhalela umsebenzi wemfundo kuquka uphando lwalapha nolwehlabathi jikelele.

Le nkqubo iqulathe imixholo eli-15 nequka kuyo:

- Ukuhlalutywa komsebenzi: indlela yokuqonda oko umsebenzi othile ukufunayo kuwe;
- Intshayelelo nokuqukumbela: indlela yokuzibhala;
- Izinto eziphawula ingxoxo/ iingcamango ezithungelanayo: indlela esengqiqweni yokukhokela umlesi kumbhalo wakho;
- Ilizwi, apho ingxoxo yakho imile khona, ingxoxo: indlela yokubonakalisa ukongamela kwakho kumbhalo ubandakanye nomlesi;
- Inkxaso kwizingqinisiso: indlela echanekileyo yokbuhala izingqinisiso;
- Ukuphepha ukukopa: ukufaka nokusebenzisa imithombo njengezingqinisiso ngendlela ephepha ukukopa.

Nangona iividiyo zifumaneka ngeelwimi ezisemthethweni zaseMzantsi Afrika, iqela leICELDA ligqibe ekugcineni amaphepha nemisebenzi ingesiNgesi.

UNjing. Tobie van Dyk weSikolo seeLwimi eNWU noMlawuli weziko lokusebenzela leICELDA-SADiLaR kucacisa ukuba abafundi bangathanda ukubhala nokufunda ngesiNgesi bencedisa ngeelwimi zabo zeenkobe.

“Amaphepha neevidiyo kumele zisetyenziswe njengembhumbutho kwimeko apho umfundi alaziyo igama lesiNgesi elisetyenzisweyo okanye akalazi elo gama ngolwimi lwakhe lweenkobe okanye kwimeko egqwethiekileyo yoku,” utsho uNjing. van Dyk.

Nangona isifundo sahlulwe saziimodyuli ezili-15; abafundi bavumelekile ukuba bangazikhethela indlela abafuna ukusifunda ngayo isifundo. Ngoko ke, abafundi bangasebenzisa izixhobo zokufunda nokufundisa ekuqaleni ukuya ekugqibeleni okanye bagxile kwezi ndawo zinzima kubo.

“Sineentshisakalo engummangaliso ngale nkqubo njengendlela yokuxhasa abafundi baseMzantsi Afrika ngokubhala umsebenzi wemfundo ngolwimi lwabo lweenkobe,” utsho uKristien Adrianatos, umhlohli oyintloko kwiSikolo seeLwimi nomvelisi weziqulatho zemixholo eICELDA.

Ukusebenzisa isiNgesi semfundo nokwenza imisebenzi kwimfundo ephakamileyo kunzima ingakumbi kwabo baqalayo yaye siyathemba ukuba uWrite It iza kunceda abafundi kuhamba lwabo lokuba baqhelana nolu hlobo lokubhala ekubeni babe yinxalenye yoluntu lwemfundo,” utsho uGqr. Adrianatos.

**Ukuvavanyo nokuqinisekisa umgangantho**

UGqr. Cloete ucacisile ukuba

**Qhagamshelana nathi:**

IXHASWA NGEZIMALI NGU:

science & innovation
Department:
Science and Innovation
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

njengenxalenye yesigaba sokwenziwa nokuphulisswa, iqela leICELDA isebenze noKris van de Poel noGqr. Marilize Pretorius baseUniversity of Antwerp eBelgium ekuveliseni imixholo yesifundo efanayo.

I-ICELDA ikwasebenzile nenkampani yaseBelgium ebizwa InterCulturate nabaye banikeza ngenkxaso elulutho kwizinto ezifana nokwenziwa nenkangeleko yamaphepha nolungelelaniso lwezixhobo kwi-intanethi. "Siye sazivavanya nezixhobo kubafundi bethu beZiko lokuBhala nakwiindibano zocweyo zabafundi ebenza izifundo zemfundo enomsila yaye ingxelo-mpendulo incumisa kakhulu," utsho uNjing. van Dyk.

**Ukufumaneka kumntu wonke**

Abafundi nabahlohli bangabukela iividiyo kwisikhululo sikaYouTube saseSADiLaR. Kwabo banqwenela ukufumana iziqulatho ezipheleleyo zesifundo okanye abafuna inkxaso ethe chatha yeNkqubo yokuLawula uMfundi bangaqahagamshelana neSADiLaR ku-info@sadilar.org

## UKUHLAZIYA ISIPHUTI: ULWIMI NENKCUBEKO

**- Natalie Simon**

Ulwimi nenkcubeko ngumtya nethunga; ulwimi umntu aluthethayo luphembelela iindlela abona ngazo ihlabathi yaye lubumba ubuni bakhe ngokwenkcubeko. Kungoko xa kuthe kwaphulukwana nolwimi, siphulukana nokuninzi. UGqr. Sheena Shah noGqr. Matthias Brenzinger besebenza kwiprojekthi exhaswa yiSADiLaR ngokubambisana nabaPhuthi, igcuntswana labantu abathetha isiPhuthi eLesotho naseMzantsi Afrika ukubuyisela nokuhlaziya isiPhuthi. Oku kwenzeka ngokuthi kuthathwe amanyathelo aliqela kuquka ukusebenza noluntu ukuphuhlisa nokuvelisa ingqokelela yamagama esiPhuthi akumacandelo ahlukileyo. Undoqo kule projekthi kukubandekanywa koluntu kuyo.

"Iprojekthi yesiPhuthi lubambiswano phakathi kweengcali zolwimi noluntu," utsho uGqr. Shah. "Uluntu luyibona le projekthi njengendlela apho amazwi wabo angaviwa ngayo nokusasazwa kwamabali wabo. Bakwayibona iprojekthi njengendlela indima ebalulekileyo kwiintshukumo zabo zokuhlaziywa kolwimi."

**Qhagamshelana nathi:**

IXHASWA NGEZIMALI NGU:

science & innovation
Department:
Science and Innovation
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

## AbaPhuti: mandulo nangoku

AbaPhuthi babengabanye babantu bokuqala abantetho iyiBantu ukufika eLesotho nalapho bathe bahlangana baza bendiselana, phakathi kwabantu abaye bendiselana nabo, yayingabazingeli basemazantsi eAfrika abaziwa ngokuba ngamaSan. Isizwe sabaPhuthi sasekwa ebutsheni benkulungwane ye-19 saze safakwa phantsi kolawulo lwenkosi yawo uMurena Moorosi. UMoorosi waye wabulawa edabini ngowe-1879 emva koko baze abaPhuthi, ngexa yenkxaso yomkhosi waseBritani, babaphantsi kwengcinezelo yabeSotho nabasesisininzi esilawulayo eLesotho.

IsiPhuthi sisaqhubeka nokungananzwa ngurhulumente waseLesotho yaye abaPhuthi basabekelwa bucala, bengenamfundo iyephi yaye ingqesho inqongophele kubo. IsiPhuthi lulwimi olusesichengeni sokutshabalala oluthethwa ngabantu abangamawaka ambalwa kuphela yaye uninzi lwabantu abathetha olu lwimi bahlala eLesotho. Noxa kunjalo, isiPhuthi asibhalwanga kuMgaqo siseko waseLesotho okanye nakulo noluphi na uxwebhu olusesikweni. Abantu abathetha isiPhuthi abananzwanga kwimicimbi kazwelonke yaye ukusetyenziswa kweSesotho nesiNgesi kuphela ngamaziko karhulumente kuqhwalelisa ukufikelela kwabaPhuthi kwiinkonzo zentlalo ezibalulekileyo ezifana nemfundo, ingqesho, ezempilo, ubulungisa, nentlalontle.

## Ukuhlaziya isiPhuthi

Noxa kunjalo kukho imigudu phakathi kuluntu lwabaPhuthi yokubuyisela ulwimi nenkcubeko yabo nokuba ziqatshelwe ezi zinto ngurhulumente waseLesotho. Ukusekwa kwesiPhuthi njengophawu oluyintloko lobuni bokuba ngumPhuthi kuye kumane kukhwezelwa kule minyaka ilishumi idlulileyo ngenxa yeLibadla le Baphuthi, umbutho wenkcubeko okhwezela amaphulo neentshukumo ezininzi eziphathelele kwisiPhuthi.

Kuphantsi kwale meko uBrezinger noShah baqalisa khona ukusebenza ngo-2016 ukubhala isiPhuthi, iprojekthi eye yafumana inkxaso yeLibadla le Baphuthi. Ezi ngcali zimbini ziye zabayinxalenye yoluntu lwabaPhuthi. Le projekthi ikhokelele kuzalo ngokutsha lwesiPhuthi kunye nenkcubeko eyayamaniswa nolu lwimi.

"Kukho umdla okhulayo kolu lwimi, kukho abantu abaninzi abathetha olu lwimi abavelayo abaziingingqi zoluntu ezifunda ukuthetha olu lwimi kwakhona ngokusulungekileyo, ebuntwini obukhulu, njengoko bebona isiPhuthi siluphawu olungundoqo kubuni babo bokuba ngamaPhuthi," utsho uGqr. Shah.

## Iziphumo zeprojekthi

Ukuhlanganiswa kwengqokelela yamagama esiPhuthi ashicilelweyo equlathe iimbaliso, iincoko, udliwano-ndlebe, iintsomi, iimbali ezibaliswayo, nemibongo luphawu oluphambili lweprojekthi. Iintlobo zoshicilelo – esisisandi noluyividiyo – zibhalwa phantsi, ziguqulelwe zize zicaciswe ngokubhala amanqaku ecaleni kwamanqaku abhaliweyo. Le ngqokelela yamagama ichaphazela imixholo eyahlukileyo yaye iquka ushicilelo kubantu abathetha isiPhuthi bezizukulwana ezahlukileyo nemimandla eyahlukileyo. Le ngqokelelo yamagama iza kugqitywa ngo-2024 yaye iza kufumaneka kuvimba weSADiLaR.

Ingqokelela yamagama esiPhuthi iphuhliselwa ukuba ize ibe luluncedo kuluntu nakwizifundiswa zamacandelo ahlukileyo emfundo.

Qhagamshelana nathi:

IXHASWA NGEZIMALI NGU:

science & innovation
Department:
Science and Innovation
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Le ngqokelela yamagama ayililo uncedo kwiingcali zolwimi kuphela kodwa nakwiingcali zembali, iingcali ngofundo-nzulu ngomhlaba noko kuwungqongileyo, neengcali ngeenkcubeko. Okona kubalulekileyo, ikwadlala indima yokuba yimvaba yenkcubeko nembali kuluntu.

Iqela likwasebenza kwisichazimagama esilwimi-ne sesiPhuti-isiSotho-isiXhosa-isiNgesi. Esi sichazimagama siza kudlala indima ebalulekileyo ekuveliseni kwezixhobo zemfundo nezempilo, njengoko kucaciswa nguGrq. Brezinger: "Emva komhla we-19 kweyeNkanga ngo-1879, emva kokukhothama kukaMurena Moorosi, abaPhuthi nolwimi lwabo bacinezelwa baze ethubeni babekelwa bucala kwimicimbi kazwelonke kubuKumkani baseLesotho. Kutshanje, kuyabonakala ukuba isiPhuthi singaba lolunye lweelwimi ezisemthethweni zeli lizwe, kubekho nethuba lokusebenzisa isiPhuthi njengolwimi lokufunda nokufundisa. Ukuze kuphuhle izixhobo zokufundisa nokufunda ngesiPhuthi, isichazimagama seloo lwimi sibalulekile kakhulu.

## Ukusebenza ngobambiswano noluntu

Mandulo, abathethi bolwimi bebedlala indima yamasekela kuphando ngolwimi nalapho bebengabadluliseli bolwazi nabacebisi. Nangona oku kutshintsha nje kancinci ngokwendlela okwenzaka ngayo izinto, uShah noBrezinger bakholelwa ukuba abaphandi mabangongameli kwiprojekthi nokuba kufanele ibe ngabo abaxhamli abaphambili kwiprojekthi ngokuphathelele kupapasho nokuqhubela phambili kwimisebenzi yabo. Eyona nqobo yabo iphambili ithi "ubulungisa entlalweni yoluntu nokuphumelela kwabantu" kumele ukuba ziziphumo zeprojekthi xa kusetyenzwa noluntu olubekelwe bucala. Ngenxa yesi sizathu, ukuqeqeshwa nokuxhotyiswa kwabantu abathetha isiPhuthi kuyingxam yomsebenzi.

Iqela liqhuba iindibano zocweyo nalapho uluntu lulolongwayo ngeendlela naamqhinga okubhala phantsi ulwimi. Ukongeza koku, iingcali zolwimi zisebenzisana noluntu njengamalungu eLibadla le Baphuthi adlala indima.

UGqr. Shah uphawule enjenje: Ukuze iziphumo zibelulutho kwiingcali zolwimi nakuluntu, iiprojekthi kumele ukuba zibenobambiswano ngokwenene. Ukusetyenziswa kweentlanganisela zamaqhinga ekubhalweni kolwimi kuphucula iziphumo zobunzululwazi yaye kwangaxesha nye wenze iziphumo zifumaneke kuluntu yaye zibelulutho kuluntu. Ngokuxhasa amaqela oluntu athethwa iilwimi ezithethwa ngabantu abambalwa, singanika aba bantu babekelwe bucala ilizwi ekufumaneni ukuzithemba kwakho nokuqapheleka kwimiba kazwelonke. Kusenjalo, iintshukumo zethu zigxile ekukhuliseni ukuba ninzi kweelwimi nesikubona kuyindyebo yoluntu kwihlabathi jikelele.

Qhagamshelana nathi:

IXHASWA NGEZIMALI NGU:

science & innovation
Department:
Science and Innovation
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# DH-IGNITE: UKUHLAZIYA ICANDELO LEZIFUNDO ZOLUNTU ZOBUCHWEPHESHE (DH) KWAZULU NATAL

**- Natalie Simon**

"Undoqo kwiingingqi zoluntu zobuchwepheshe kukukhowuda, ukuba ungakwazi ukukhowuda usebenzisa u-R nePython, iingcango ezininzi ziyavuleka kuwe," utsho uNjingalwazi Kevin Durrheim weYunivesithi yaseRhawutini, ethetha kumnyhadala wokuqala weSADiLaR weDH-IGNITE nowawusingathelwe eUmhlanga KwaZulu Natal (KZN) ngeyeDwarha kulo nyaka uphelileyo.

Injongo yeminyhadala yeDH-IGNITE kukuphuhlisa uluntu kwicandelo lezifundo zoluntu zobuchwepheshe phakathi kwabaphandi eMzantsi Afrika ukuba bafunde ukukhowuda nokusebenzisa ubuxhakaxhaka bekhompyutha kuphando lwabo nasekufundiseni. Lo mgudu ubalulekile kwisibophelelo seSADiLaR, ukuba kugxilwe kuphando nokuxhotyiswa kwabantu ngezakhono kwiDH.

"Ukuze inkqubo yeSADiLaR yecandelo ngezifundo zoluntu iphumelele sidinga ukuba sibeneengxoxo eziphangeleleyo kwezemfundo nabo bonke abathathi-nxaxheba kweli lizwe," utsho uNjingalwazi Langa Khumalo, umlawuli oyintloko eSADiLaR. "Ngenxa yale minyhadala yeengingqi sizama ukuhlanganisa zonke izifundiswa ukuthundeza intsebenziswano kwicandelo lezifundo zoluntu zobuchwepheshe kunye neenzululwazi zentlalo yoluntu zekhompyutha."

IDH-IGNITE liphulo elitsha lenkqubo yeSADiLaR ethi ESCALATOR, iphulo loluntu olubambiseneyo nolusebenzayo kwiDH nakwezeenzululwazi zentlalo yoluntu zekhompyutha eMzantsi Afrika. Umnyhadala ubuKwaZulu Natal ibingumnyhadala wokuqala kuchungechunge lweminyhadala ecwangciselwe ukuba iqhube kwimimandla eyahlukileyo yoMzantsi Afrika, neyayisingathelwe kule ndawo ngobuchule ukuze uzinyaswe lula ngabasebenzi nabaphandi bazo zonke iiyunivesithi zaseMzantsi Afrika ezingama-26.

Ethetha kulo mnyhadala useKZN, uAnelda van der Walt, umlawuli wenkqubo iESCALATOR, uthethe ngemingeni iESCALATOR ibijongene nayo ekwakheni iingingqi zoluntu ngexesha likabhubhane weCOVID-19 nokumiswa ngxi kweentshukumo zoluntu. "IESCALATOR iqale ngeyoMnga ngo-2020 yaye asikakwazi ukunceda uluntu ukuba baqalise ukwakha ubudlelwane kuba ukwakha ubudlelwane ekuqaleni akufani nokwakha ubudlelwane ngokunxibelelana nabantu ngqo ubuso nobuso," utshilo. Kwathi kwakunyenyiswa ubungqingqwa bemithetho yokumiswa ngxi kweentshukumo zoluntu, iqela leESCALATOR liye laqalisa ukuceba iminyhadala yeDH-IGNITE ukuvumela abo basebenza kwicandelo leDH, okanye abo banomdla kwicandelo, ukuba bahlangane banxibelelane ubuso nobuso.

IDH-IGNITE iye yavula ngokothulwa kweentetho ezigqamisa ukubaluleka kokuba abaphandi kwicandelo lezifundo ngoluntu nakwiinzululwazi

**Qhagamshelana nathi:**

IXHASWA NGEZIMALI NGU:

science & innovation
Department:
Science and Innovation
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

ngentlalo yoluntu babandakanye ubuchwepheshe beteknoloji kumsebenzi wabo. UNoma Maphanga, umlawuli weprojekthi, nomqeqeshi kubunzululwazi bolwazi eESCALATOR, uye wothula intetho engesidingo sokuqhubeka kusetyenziswa iintlobo ezintsha zeteknoloji. Uye wavelela ukuba akukho namnye kubazimasi abebalapho oye waya ngeenyawo kulo mnyhadala koko ingabe kanti basebenzise iinqwelo-mafutha okanye ooduladula yaye phantse ngokuqinisekileyo akukho mzimasi womnyhadala obhale iphepha lakhe ngosiba koko bachonge ukusebenzisa ikhompyutha ukwenza umsebenzi wabo ukhawuleze yaye ubengcono.

“Ukufunda izixhobo ezintsha neendlela zokuphanda kungathatha ixesha xa kusaqalwayo,” utshilo “kodwa ziza kunceda phambili ziphucule umgangatho nentembeko yophando lwakho.”

Ezinye iintetho ezothuliweyo ziquke ulwazi lweenkqubo zokulawulwa kolwazi ezifana noFAIR (efumanekayo, efikelelekayo, ekwaziyo ukutshintshisa ngolwazi nokulusebenzisa, nesebenzisekayo kwakhona) neenkqubo zeCARE (inzuzo yomntu wonke, igunya lokulawula, uxanduva, iinqobo). Bekukho iintetho ezothuliweyo ezibonisa iziseko ezingundoqo nezixhobo zikazwelonke ezikhoyo zophando lobuchwepheshe nolwekhompyutha. UDurrheim uye waza nephulo elitsha ekwiYunivesithi yaseRhawutini elibizwa iUJMethLab ukuxhasa abaphandi kwicandelo lezifundo ngoluntu neenzululwazo zentlalo yoluntu ekuveleleni iindlela ezintsha zophando nobuvela-tanci kuphando.




Abathunywa baye bothulelwa iintetho kwiiprojekthi ezahlukileyo zeDH kuquka umbonisa ongombongo neDH neprojekthi yeVoices of Mzantsi ukunika uluntu umtyhi wokuba uqubisane nophuhliso lweeteknoloji ngeelwimi zalo.

Nangona bekukho imiboniso ibiboniswa ngokuba yenziwe ngezandla endaweni yokuthethha nje kuphela, injongo yeDH-IGNITE ibingekuko ukufundisa izakhono zokukhowuda kodwa ibikukufaka ngeentlontlo abathunywa kwizinto ezikhoyo ebebenakho ukukhetha kuzo ukufunda izakhono ezinjalo kunye namandla ezi zakhono zekhompyutha ezinokubanawo kuphando lwabo nemisebenzi yabo jikelele.

IDH-IGNITE sisimemo sokuxuma uluntu lweESCALATOR olusebenza ngezakhono zeenzululwazi zentlalo yoluntu nekhompyutha necandelo lezifundo zoluntu nokuqalisa inkqubo yokuxhoba ngezakhono kuxhotyelwa ixesha lobuchwepheshe. “Sikuyo ngokukhulu ukuzinikela,” utshilo uvan der Walt. IESCALATOR nokwakhiwa okuphathekayo kwecandelo lobuchwepheshe lokufunda ngoluntu yiprojekthi yeminyaka emihlanu ukuya kwelishumi yaye sikujonge ngamehlo abomvu ukuhamba nani olu hambo.

Tyelela iwebsite ukufumanisa ukuba ngowuphi umnyhadala weDH-IGNITE owona ukufuphi kuwe.




## Qhagamshelana nathi:

IXHASWA NGEZIMALI NGU:

science & innovation
Department:
Science and Innovation
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# ABAPHANDI BESADILAR BADLULISELA ULWAZI KWISIKOLO SASEHLOTYENI SOBUCHWEPHESHE NGOLUNTU

**- Lihle Sosibo**

Abaphandi abathathu beSADiLaR (uNksz. Mmasibidi Setaka, uMnu. Benito Trollip, noNjing. Menno van Zaanen) bafundise izifundo kutshanje kwisikolo sasehlotyeni nebesiququzelelwe nguMbutho wobuChwepheshe boLuntu waseMzantsi eAfrika (DHASA). Lo mnyhadala ubuntsuku-ntathu nowuqale ngomhla wama-30 kweyeDwarha ukuya kumhla wesi-3 kweyoMnga ngowama-2022 ubuqulathe izifundo eziqubisana nemixholo eyeleleneyo kwiDH. Esi sikolo sasehlotyeni besigxile ikakhulu kubafundi nakubaphandi abonomdla kwicandelo leDH.

UNjingalwazi Menno van Zaanen noFransciska Pannach, abangamalungu aphezulu kwikomiti yeDHASA, bebephambili ekuququzeleleni esi sikolo sasehlotyeni nebesiqhutywa ngokubambiseneyo nenkomfa yeDH ebiququzelelwa yiNorth-West University. Le minyhadala nalapho abantu bebeyizimise ngokuya kuyo ngqo ibisingathelwe eRiverside Sun Hotel eVanderbijlpark, South Africa.

IDH licandelo lezemfundo eligxile ekusetyenzisweni kwezixhobo zekhompyutha neendlela zobuchwepheshe kumacandelo amadala ezifundo ngoluntu afana nelingwistiki, uncwadi, umculo, imbali, nefilosofi. Ngokuququzelela iminyhadala efana nesikolo sasehlotyeni, iSADiLaR neDHASA zinenjongo yokuphucula icandelo leDH eMzantsi Afrika, njenge candelo elisakhasayo. Ukongeza kwiminyhadala yoqeqesho, iSADiLaR yakha uluntu oluvumela abaphandi ukuba babelane ngolwazi baxoxe ngeengxaki, izisombululo noko kunokwenzeka.

Inkqubela kwiteknoloji nokubakho kolwazi kwiCandelo leziFundo ngoLuntu kukhokelele ekuphuhleni kwecandelo leDH neligxile ekuvezeni nasekuphenduleni imibuzo emitsha ephathelele kwiCandelo ngeziFundo ngoLuntu. Izifundo kweli candelo zihlanganisa iCandelo ngeziFundo ngoLuntu namaqhinga obuchwepheshe yaye ngenxa yoku iqhutyelwa phambili ziiteknoloji ezintsha nezitshintsha rhoqo. IDH ihlanganisa iCandelo ngeziFundo ngoLuntu neziFundo ngeKhompyutha. Oku kukhokelela kubambiswano oluphakathi kwala macandelo noluthungelanayo phakathi kweengcali zenzululwazi nto leyo ekhokelela kwintlanganisela yentlaninge yeendlela zophando, amaqhinga aqiqileyo nokubekelwa bucala kwezithethe zokwenziwa kophando lwezobunzululwazi.

Isikolo sasehlotyeni seDHASA besiliphulo elihle lokungenisa ngeentlontlo izifundiswa kubuChwepheshe ngoLuntu nelicandelo elitsha lemfundo eMzantsi Afrika. "Izifundiswa bezinomdla kwiindlela ezinokuthi zivulwe bubuChwepheshe ngoLuntu yaye ndiyakholelwa ukuba le kumele ukuba ibeyingxoxo eqhubayo," utshilo umphandi ophume izandla kwiCandelo ngeziFundo ngoLuntu eSADiLaR uNksz. Mmasibidi Setaka



***Abazimasi nabo bothula iintetho kwiSikolo saseHlotyeni sobuChwepheshe ngoLuntu.***

**Qhagamshelana nathi:**

IXHASWA NGEZIMALI NGU:

science & innovation
Department:
Science and Innovation
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# ABAPHANDI BESADILAR KWINKOMFA YEALASA YANGO-2022

**- Natalie Simon**

Kule nyanga iphelileyo, abaphandi abane beSADiLaR baye bazimasa iNkomfa yama-23 eSingathwa emva kweminyaka emibini yoMbutho weeLwimi zesiNtu zasemaZantsi eAfrika eququzelelwe nguMbutho weeLwimi zesiNtu emaZantsi eAfrika ngokubambisana neBhodi yeeLwimi zesiNtu eMzantsi Afrika (PanSALB), iSebe leziFundo zeeLwimi zesiNtu neZiko lweZifundo eziPhuhlileyo ngoLuntu lwaseAfrika kwiCandelo lobuGcisa noLuntu kwiYunivesithi yaseNtshona Kapa (UWC). Le nkomfa nebinomxholo othi "Ukusetyenziswa kweelwimi zesiNtu kwinkulungwane yama-21" ibisingathelwe eStellenbosch ukususela ngomhla wama-21 ukuya kowama-24 kweyoMsintsi ngo-2022.




***Abaphandi abane beSADiLaR abazimase inkomfa yeALASA yangowama-2022. Ukusuka ekhohlo ukuya ekunene: uAndiswa Bukula, uRooweither uMabuya, uBenito Trollip, noMuzi Matfunjwa***

## Ukwazisa ngegalelo leSADiLaR kwicandelo

URooweither Mabuya, uAndiswa Bukula, uMuzi Matfunjwa noBenito Trollip beSADiLaR bonke baye bazimasa le nkomfa bothula neentetho. Kodwa noxa kunjalo, aba baphandi bane bathi ixabiso labasebenzi beSADiLaR lingaphaya kokothula iintetho ngophando.

"Ezi nkomfa zisinika ithuba lokuthetha nabaphandi abaqokelela ulwazi kuluntu malunga noko iSADiLaR ikwenzayo njengesiseko sophando kuzwelonke noko sinobenzela yona," utshilo uBukula umphandi wobuchwepheshe ngoluntu kwisiXhosa. Abaphandi banomdla kakhulu ekufumaniseni ngokuvula kwethu izicelo

**Ngayo nayiphi na ingxelo ngomxholo wencwadana, nceda uzive ukhululekile ukuqhagamshelana ne-SADiLaR ku: info@sadilar.org**


**Ngayo nayiphi na ingxelo malunga neenguqulelo, nceda uzive ukhululekile ukuthumela umyalezo wakho kumguquleli xa uthumela i-imeyile ku-SADiLaR: info@sadilar.org**

**Qhagamshelana nathi:**

IXHASWA NGEZIMALI NGU:

science & innovation
Department:
Science and Innovation
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

## Cofa apha ukuze ufumane iphephandaba lethu



## Qhagamshelana nathi:

zokuxhasa abaphandi ngemali, ukuba bangafikelela njani kuvimba wethu wolwazi yaye ngawaphi amathuba nenkxaso ekhoyo kubaphandi abonomdla wokuphuhlisa uphando lwabo besebenzisa izixhobo zekhompyutha."

UMatfunjwa wothule intetho ngokubalasela kwesixhobo esiphawula izigaba zentetho, iingxoxo eziphawuliweyo kumagama aphawulwe gwenxa nezisombululo ezinokuba khona ukuphucula ukuchaneka kwesixhobo sekhompyutha sokuphawula izigaba zentetho. Uye waphawula umdla kwabanye abaphandi ngendlela asebenzise ngayo izixhobo zobuchwepheshe kuhlalutyo lwakhe lwesiSwati, nolu lwimi agxile kulo njengomphandi weDH.

"Ukuhlangana ubuso nobuso kwinkomfa nokuva abaphandi besothula iintetho lithuba elihle lokubonisa ukubaluleka kwethu kubaphandi abakweli candelo, utsho uTrollip nogxile kwiAfrikaans. "Umzekelo, inkomfa yeALASA iye yaneentetho ezibalaseleyo kwiilwimi zasenkundleni yaye ndidibene nogxa kuphando waseUWC ofuna ukwenza ingqokelela yamagama wezigwebo ezithile zenkundla yamatyala. Oku ndikufumanise ngokumamela intetho ebeyothula, saze sahlangana emva koko njengoko iSADiLaR inezakhono zokumnceda koku."

### Ukubhiyozela iilwimi zomgquba zaseMzantsi Afrika

Kubo bobane abaphandi abazimase inkomfa eyona nto ibiphala phambili ibizintetho ebezothulwa ngabaphandi ngeelwimi zabo zeenkobe kungekho zinkonzo zokutolika. "Oku bekundishiya ndibambe ongezantsi," utsho uMabuya nonophando olugxile kwisiZulu. "Ngokwenza oku inkomfa yeALASA idlulise umyalezo ocacileyo nonamandla kakhulu nalapho ikhuthaza ukuphakamiselwa phezulu nokuphuhliswa kweelwimi zethu zomgquba."

UTrollip nozimase iintetho ebezisothulwa ngeelwimi ezininzi zaseMzantsi Afrika angazithethiyo uyavuma ukuba: "Kuhle ukubona abantu bezimisela ngeelwimi zabo zeenkobe. Njengomphandi weAfrikaans nothetha olu lwimi njengolwimi lweenkobe, ndiye ndiphose iliso lam ngabom kwiintetho ezothulwa ngeAfrikaans kuba ndifumana uchulumanco lokothula intetho ngolwimi lwam lweenkobe. Kumnandi ukubona oku kusenzeka nakwiilwimi zethu zomgquba.

UBukula uthi uye wakonwabela ngenene ukwahlukahlukana kwezithethi neentetho ebezisothulwa nezinga eliphezulu jikelele leentetho ebezisothulwa kule nkomfa. "Iintetho ebezisothulwa zisusele kwezo zoncwadi nemibongo ukuya kwezeelwimi zeenkundla zamatyala ukuya kuthi ga kumsebenzi onobuchwepheshe nophathalele kwikhompyutha. Bekumnandi ukumamela iintetho zisothulwa ngeelwimi zethu ezahlukileyo yaye neminyhadala yokuhlangana kwabantu ibibalasele", utshilo.

**"Tatalahote kubaqququzeleli ngenkomfa ephume izandla neququzelwe kakuhle."**

IXHASWA NGEZIMALI NGU:

science & innovation
Department:
Science and Innovation
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# IKOMITI YOLAWULO EPHETHEYO YESADILAR ICHULUMANCILE UKUBHENGEZA UKONYULWA KUKAGQR

**- Natalie Simon**

Ikomiti yoLawulo ePhetheyo yeSADiLaR ichulumancile ukubhengeza ukonyulwa kukaGqr. Laurette Marais njengommeli wamaziko okusebenzela aseSADiLaR kwikomiti.

UMarais ngumphandi oyintloko kwiBhunga loPhando lobuNzululwazi neMizi-mveliso (CSIR) yaye ukhe wasebenza njengomlawuli weZiko lokuSebenzela lokuThetha ukususela ngo-2022. Ukhe wabandakanyeka kuphando kulwimi loluntu lweteknoloji ukususela ngo-2009 yaye ngoku ukhokhela iprojekthi exhaswa ngemali yiSADiLaR yokuphuhliswa kwegrama yekhompyutha yesiZulu equka imiba eyahlukileyo. Uphando lwakhe lukwagxile ekusetyenzisweni kweteknoloji ephicotha intetho nokubhaliweyo ekuxhaseni kwezemfundo nasekufundweni kolwimi kwiilwimi zaseMzantsi Afrika.



*kaGqr. Marais, ummeli weenodes zeSADiLaR kwikomiti.*

Ikomiti ephetheyo iqulathe abathathi-nxaxheba abaliqela kuquka izifundiswa nabatyali-mali abazondla zonke iintshukumo zeSADiLaR kuquka ukwalatha indlela eqiqileyo emayilandelwe, ukwamkela imigaqo-nkqubo nokuceba okwenza iqhinga elichongiweyo ukuba libe neziphumo ezincumisayo. Ikomiti ijongene yaye ihlola ukuphumezwa nokuyilwa kweqhinga ngabaphathi ngeli xesha ikwaqinisekisa ukuphendula kwabantu ngezinga umbutho oqhuba ngalo imisebenzi yawo kusetyenziswa iingxelo nokutyhilwa elubala kwezinto.

Amalungu ekomiti abamba izikhundla iminyaka emithathu ngendlela ehambelana nezivumelwano zengqesho eziqhubayo phakathi kweSebe lezobuNzululwazi Nobuvelatanci neNWU.

**UGqr. Marais uhlola athi:**

Amaziko okusebenzela aseSADiLaR azimisele ekwenzeni umahluko obanakalayo kuMzantsi Afrika olwimininzi. Ekufezekiseni isibophelelo seSADiLaR nesikukuxhasa uphando nophuhliso kumacandelo eteknoloji nakwizifundo eziphathelele kulwimi kwicandelo lezifundo zoluntu nezobunzululwazi bezentlalo yoluntu, kudinga izakhono ezahlukileyo, amaqhinga nemigudu yokuzimisela kuphando, nezenziwa bukhali kumaziko okusebenzela ahlukileyo. Ngaxeshanye, la maziko okusebenzela azimisele ekufuneni iindlela zokusebenzisana ezinolwamvila ukuze aphumeze okuninzi kubambiswene. Kungaluzuko ukumela oogxa abasebenza nzima kwikomiti ephetheyo.

## Qhagamshelana nathi: